



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2012

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-22.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiququlatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCANDELO kula, A, B noC. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.
6. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE			
3. <i>Umqol' uphandle</i>	Umbuzo omde	35	7
OKANYE			
4. <i>Umqol' uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8
ICANDELO B: IDRAMA			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
5. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	11
OKANYE			
6. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	11
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE			
Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.			
7. <i>Izibhovubhovu zaseBhayi</i>	Umbuzo omde	35	14
OKANYE			
8. <i>Itutu LaseTikitiki</i>	Umbuzo omfutshane	35	14
ICANDELO D: ISIHOBHE			
Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.			
9. <i>Intyatyambo</i>	Umbuzo omfutshane	17½	17
OKANYE			
10. <i>Ibhabhathane</i>	Umbuzo omfutshane	17½	19
OKANYE			
11. <i>Funzela enzulwini</i>	Umbuzo omfutshane	17½	20
OKANYE			
12. <i>Amasele phezu kodonga</i>	Umbuzo omfutshane	17½	21

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
	OKANYE		
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
	OKANYE		
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
	OKANYE		
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Ukuthanda kukaNomakhwezi iindaba neetshomi kukhokelele ekufeni kwakhe noLungile. Chankatha kwiziganeko zebali ungqine oku (240 amagama).

[35]**OKANYE****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

2.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Obukeleyo akazange awuhlanganise umlomo kukubona izifundiswa zikhunge owazo. ... Wayekho noGqirha Sangela. Zenziwe iintetho ngoogqirha abaziwayo bencoma betyibela umsebenzi owenziwe nguMpumelelo.

'Xa ndibona lo mbono uphambi kwam, ndiziva ndingenako ukungathi namhlanje isizwe esiNtsundu sifikelele kwinqanaba eliphezulu ebomini baso, inqanaba lokunonophela abantwana baso ngokubafundisa. Le nto iyimfundo ayinalishwa naphi na. Yenza ukuba abantu bazane, bathandane babukane. Kumnandi kanye xa ndibona nale nginginya yabantwana besikolo abeze apha, kuba ezingqondweni zabo namhlanje kuzobeka umfanekiso wento abahlala bethetha ngayo ootitshala babo ndawonye nabazali. Baza kumka besazi ukuba ekunyamezeleni kukho umvuzo.'

'Nali elakho mfo kaNtsibande, kaMehlwenkomo, thole lasemaJwarheni iqashiso likuwe namhlanje. Ubize abantu wathi mabeze ekhaya apha baze kuvuyisana nawe kuba ugqibile ukufunda, baze kukunika amathamsanqa nakweli xhobongwana leshishini owalishiyelwa nguyihlo. Aba bantu abezanga kuba bebizwe nguwe. Bebengenakuza kuba abakwazi ngesizathu sokuba ungumntwana, imveku ezalwa izolo oku engazi nto ngobomi. Beza kuba besazi uyihlo uLungile. Nawe ke hlala ekhondweni likayihlo ubakhonze, ubathande ubabuke. Indlela yokubakhonza kukuhlala enyanisweni nasekuthandazeni. Ndisatshaya.'

2.1.1 Kwakusenzeka ntoni ngale mini kwaNtsibande? (1)

2.1.2 Kukuthini ukungawuhlanganisi umlomo? Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:

- A Kukukhamisa
- B Kukuncoma okokoko umbono omhle kangaka.
- C Kukuhleka ude uqikileke.

(1)

- 2.1.3 Xela ukuba yintoni eyayisenza ukuba abantu ababukeleyo bangawuvali umlomo. (1)
- 2.1.4 UGqirha Sanqela wayeyintoni kuMpumelelo? (1)
- 2.1.5 Yayingantoni intetho yoogqirha kweli theko? (1)
- 2.1.6 Leliphi eli nqanaba isizwe esiNtsundu esifikelele kulo? (1)
- 2.1.7 Imfundo ayinalishwa. Ngqina oku ngolwazi lwakho lwebali. (2)
- 2.1.8 Ngokwakwesi sicutshulwa, yiyiphi imfundiso abantwana abaza kuphuma nayo kule ntetho yoogqirha? (1)
- 2.1.9 Abazali bakaMpumelelo ngebeziva njani ngempumelelo yomntwana wabo? (2)
- 2.1.10 Ingaba iintetho zoogqirha zinafuthe lini kwindlela ocinga ngayo ngemfundo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.1.11 Lifa lini eli washiywa nalo uMpumelelo nguyise? (1)
- 2.1.12 Chaza amahlandinyuka obomi bukaMpumelelo ade ayokufikelela kwinqanaba akulo. (3)
- 2.1.13 ULungile uzotywe wangumlinganiswa onjani? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.1.14 Ngokwesicutshulwa yintoni ekufanele ukuba uMpumelelo ayenze ukuhlala ekhondweni likayise? (2)
- 2.1.15 Ingaba eli theko laba yimpumelelo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B

Ngenye imini uThamsanqa wakha wahlelwa sisiyengelezane sento angazange ayazi. Wayehamba nomnye umfo besiya eMgungundlovu. Uthe xa ekude mgama ne*Camperdown* kwathi thu ikati emnyama ngasekhohlo yagqitha phambi kwakhe. Akazange ayinanze nganto koko bahamba bezincokolela. Bahambe isithuba semayile yaphinda yavela ikati emnyama inqumla indlela. Emva koko akazi ukuba kwenzeka ntoni na kuba yasuka imoto yashiya indlela yaya kuwa yabhukuqa, yatyoboka. Ngethamsanqa basinda, yakukugruzuka nje. Emveni koko yasuka intlalo endlwini ayabi ntle. Bathanda ukuxabana futhi nomkakhe. Babesithi nokuba into incinci kangakanani na bathathane begrwangxulana bade bafune nokubethana.

- 2.2.1 Babesiya phi ooThamsanqa ngale mini? (1)

- 2.2.2 Xela ukuba kwenzeka ntoni xa bekufutshane neCamperdown? (1)
- 2.2.3 Lishwa lini abadibana nalo ooThamsanqa ngale mini? (1)
- 2.2.4 Yavela njani into yokuba nguNozililo owayefuna ukuba kutshiswe ivenkile kaNtsibande? (2)
- 2.2.5 Chaza indlela abazithethelela ngayo uNozililo noNtongana kweli tyala. (2)
- 2.2.6 Emva kwale nkcazo kaNozililo saba yintoni isigwebo sejaji kuNozililo noNtongana? (1)
- 2.2.7 Imisebenzi emibi kaNozililo yaphinda yamjikela. Saba yintoni isiphumo semisebenzi yakhe emibi? (2)
- 2.2.8 Uphi uMpumelelo ngeli xesha kwenzeka le nto? (1)
- 2.2.9 Leliphi elinye iyelenqe awalenzayo uNozililo? (1)
- [35]**

OKANYE**UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)****UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani**

- 3.1 Impumelelo ngondlela-mnyama nangobuqhetseba yiyo ekhokelele kwiziganeko zebali eli. Phonononga obu buqhetseba neziphumo zabo. (25)

KUNYE

- 3.2 Izizathu atyholwa ngazo uLinda ngokaHlobo zikwenza ungqinelane naye ukuba ngenene nguLinda umbulali kaEddie noLulama. Xela ezi zizathu (240 amagama). (10)
- [35]**

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UMQOL' UPHANDLE – PM Ngani**

4.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Intshukumo eyabakho kwelo Monti zakuvakala iindaba zokubanjwa nokuvalelwa kukaLinda, ayinambaliso. Yaqalwa liphepha ledolophu, 'uThobela Sikutyele'- ngenqaku elalixajelwe kushicilelo olwaphuma ngokuhlwa. Abantu ababevela emsebenzini bathi besihla ezibhasini babe sebegangwa kwasesikhululweni yinkwenkwana eyayiphethe mpa isipha soshicilelo olo, ikhwaza into engenasiphelo:

'Inzwakazi eyayingunobuhle waseMonti ityholwa ngokubulala isithandwa sayo!' Yeka ukungungelana kwaloo mkhosi wabasebenzi, behluthahluthana ukulithenga iphepha. Yeka ke ingxolo bakuwubona umfanekiso kaLinda, etsho ngolungaywayo uncumo phantsi kwaloo mnweba nalo mqhele wobu'Kumkanikazi' mhla wayewongwa ngobuhle bakhe yidolophu. Ecaleni, yayingumfanekiso kamfi uEddie nokamfi uLulama.

Uyazi ke nawe ukuba umntu osewongeni elingafunyanwa ngabaninzi ukholisa ukuba nentaphane yezihlobo kwaneentshaba. Yaba njalo ke nekaLinda imeko. Kuloo ngxokolo babesihla benyuka. Izihlobo zazide zimunce iminwe ukufunga: 'Akasoze uLinda ayenze into enjalo.' Abanye ... 'Akwaba ebemsindisile uEddie, kufe elaa qhajazana linguLulama lodwa; yinja ekufa kubi kakade!' Abanye ... Siza kuyihlangula thina ngokuyingqinela inkedama yakwaMonti ebizisebenzela kalusizi iyodwa.'

Abanye babesithi, 'Akukho nto ifeleyo kakade kwaba Nobuhle bepeni, ziinzwakazi nje ngokwenyama, intliziyo zona zingcolile.'

Abanye: 'UNobuhle wantoni na? ULinda ugqithe bani ngobuhle? Eso sithsaba wasifumana ngamaqhinga ale lokishi.'

Yaba zezo ntetho ke nasezibhasini ngemihla elandelayo. Igama lentombi kaMonti lalingundaba-mlonyeni ezimbuthweni zolonwabo nakwizigqubo zamanxila nezabathengisi bemigunyathi nezabadlali beefafi namadayisi.

- 4.1.1 Lithini igama lephephandaba elipapashe ukubanjwa kukaLinda Monti? (1)
- 4.1.2 Yintoni injongo yomthengisi wephephandaba ngokucaphula eli nqaku alikhwaze? (2)
- 4.1.3 Ingaba injongo yakhe yaphumelela? Chonga isivakalisi esixhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.4 Uphi uLinda ngeli xesha? (1)

- 4.1.5 Chonga ibinzana elibonisa ukuba abanye babemsizela uLinda bemcaphukela uLulama benqwena ukuba akwaba ebefe yedwa. (1)
- 4.1.6 Liliphi eli wonga analo uLinda Monti? (1)
- 4.1.7 Luluphi uvakalelo onalo njengomfundi wencwadi ngokudlalwa *kwetape recorder* kwinkundla zamatyala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.8 Ngokwengxelo kagqirha yintoni isizekabani sokufa kukaEddie noLulama? (2)
- 4.1.9 Ingaba ubungqina bukaJoe Bumba benenekazi elafika e*Rio Cinema* baba luncedo na kuphando lukaDick? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.10 Yintoni undaba-mlonyeni? (1)
- 4.1.11 Ngubani inenekazi elazenza uninakazi kaEddie kuDick? (1)
- 4.1.12 Ingaba kwenziwa into elungileyo ngokumvalela uLinda? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

4.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo engezantsi.

ISICATSHULWA B

Wakha walibona na igeza laseBhofolo? Wayelilo ke loo mini uLinda. Umlomo wawuvula ngathi kukhamisa ukrebe ebona ixhoba. Nengqayi yaba ngathi yothuswe ngulo mlomo kuba yaphuma ngapha nangapha ukuwuphamba umlomo, inxalenye yobisi olwalulapho isihla ngezidlele, olungenayo emlonyeni lusihla ngengwiqikazi enesithonga, loo bhatyi yexabiso seyinqongo yonke. Wathi akuyifinca loo ngqayi, wawakala ekhalima umntwan' abantu: 'Utywala budala; buyasheva!!'

- 4.2.1 ULinda wayekwimeko enjani xa kusithiwa wayeligeza laseBhofolo? (2)
- 4.2.2 Oku ukukhankanye kuMBUZO 4.2.1 kwakubangelwa yintoni? (1)
- 4.2.3 Chaza udidi lwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi uxele intsingiselo ephuhliswa ngumfanekiso-ntelekelelo ovezwa sisafobe eso. (2)
- 4.2.4 Xela isiganeko esehlayo ngale mini yokusela kukaLinda. (1)
- 4.2.5 Bobuphi ubungqina obanikwa nguDuma Hlelo malunga nevolovolo kaLinda? (1)
- 4.2.6 Ingaba ukusela utywala ngokugqithisileyo kulungile? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

- 4.2.7 Chonga igama elibonisa ukuba idyasi yayimdaka kakhulu. (1)
- 4.2.8 Uthetha ukuthini uLinda xa esithi utywala budala buyasheva? (2)
- 4.2.9 Yintoni injongo yokusela kukaLinda utywala? (1)
- 4.2.10 Ingaba waphumelela uLinda ekufezekiseni injongo yokulibala ngoEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.11 Ingaba uyavelana noLinda ngokutyholwa kwakhe ngokubulala uEddie noLulama? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

UMaziko xa ecebisa uNdila uthi, 'Imposiso yakho utshaba ulubona selukugqibile. Ukuba ibindim bendingephumli ingazalanga indebe yempindezelo. Nayiphi na indoda ezelwe ngumfazi inalo ilungu lomzimba elingakhuselwe qulo. Intaka edla iinkozo ithiyelwa ngeenozo, edl' inyama ngenyiki'.

Thabathela kula mazwi angentla usizobebe indima edlalwe nguMaziko ekuwiseni uLoni (240 amagama).

[35]**OKANYE****UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

6.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Funeka: Nanku uMawonga, umekele ntoni?
 Zanele: Mfondini ungandileqisi amahlungulu.
 Funeka: Wenna! Yingqanga leyo ingwe yezixhobo, untsho kwiinkozi.
 Zanele: Njengokuba ingathi ngumdlankukhu nje lowo ubanjwa phi? Kudala ndimlindele sendifun' ukuncama ngoku.
 Funeka: Thul' ufe sana. UMawonga ngowakho ngoku. Yekela kum wena lo mdlalo ndiwuqhelile.

- 6.1.1 Intetho ethi, 'umekele ntoni,' ithetha ukuthini? (1)
- 6.1.2 Kutheni uFuneka esithi uMawonga yingwe yezixhobo? (2)
- 6.1.3 Cacisa okuthethwa sesi sikhuzo, 'Wenna!' (2)
- 6.1.4 Xela into ibe NYE uFuneka amncoma athi uyiyo uMawonga. (1)
- 6.1.5 Sizathu sini esibekwa nguZanele athi senza kube nzima ukuba amfumane uMawonga? (1)
- 6.1.6 UZanele kudala emthanda uMawonga. Chonga isivakalisi esibonakalisa oku. (1)

- 6.1.7 Yintoni ubudlelwane phakathi koFuneka noNdila? (1)
- 6.1.8 Ingaba uFuneka ungumhlobo wokwenene kaZanele? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.1.9 Abonisa ntoni la mazwi kaFuneka ngoFuneka?
'Thul' ufe sana. UMawonga ngowakho ngoku. Yekela kum wena lo mdlalo ndiwuqhelile.' (2)

6.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B

Ray:	Mfondini! Akusekho kuncwela fosilarha ngoku, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye.
Mawonga:	Ndonakaliswe yintoni?
Nomasoka:	Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto.
Ray:	Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? Akutshiwo ukuba sukutya ukutya okuthandayo, kodwa funda ukuzilinda nokuzilinganisela. Waqala kakuhle, wagqibela ngamabibi.
Mawonga:	Uyagalela mfo kabawo kodwa ke nomlambo ukusuka elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeza iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiye-keni.

- 6.2.1 Kukuthini ukuncwela ifosilarha? (2)
- 6.2.2 Uthetha ukuthini uRay xa esithi, 'usidlwengule'? (2)
- 6.2.3 Khetha impendulo echanekileyo:
Intetho kaNomasoka ethi, 'hayi mntwanam siphulaphule':
A Iyacenga
B Iyanyanzelisa
C Iyancoma (1)
- 6.2.4 Uyangqinelana noRay xa athi uMawonga usapho lwakhe uluhlalise bunyembezana? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.2.5 Yintoni le uMawonga ayithanda ngaphezu kosapho lwakhe? (1)

- 6.2.6 Ingaba uNomasoka wayekhathazekile okanye wayonwabile emphefumlweni sisimo sonyana wakhe? (1)
- 6.2.7 Uzalana njani uMawonga noRay? Ngqina oku ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)
- 6.2.8 UMawonga uncoma uRay kwintetho yakhe. Chonga eli binzana lincomayo. (1)
- 6.2.9 Khankanya zibe ziBINI iziluleko zikaRay kuMawonga. (2)
- 6.2.10 Xela ubunyani bamazwi kaRay athi uMawonga waqala kakuhle wagqibela ngamabibi. (2)
- 6.2.11 Umntu uyacikoza xa esayithanda into. Chonga obu buciko bukaMawonga. (1)
- 6.2.12 Anantsingiselo ni amazwi kaMawonga athi 'Ndiyekeni', ngokwalapha encwadini. (1)
- 6.2.13 Iingcebiso zikaRay kuMawonga zaba luncedo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.2.14 Bonisa ubuchule bukaMawonga bokuziphindezela kwiintshaba zakhe phambi kokuba afe. (2)

[35]

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu no-EZ Guqa****UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – LL Ngewu**

Bonisa indlela izibhovubhovu zaseBhayi ezidale ngayo unxunguphalo nombhodamo kwilali yaseDikeni nesiphelo sazo (240 amagama).

[35]**OKANYE****UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu**

8.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Urheme uqondile ukuba iqhinga lakhe limke nenja. Akayithandabuzanga nakancinane into yokuba ukuphindiselwa kwesipaji kumniniso iza kumfaka engxakini engathethekiyo. Uye wazama indlela yokuphuncuka kulo mgibe. Ufikelele kwisigqibo sokuba azame onke amatitile wokuba isipaji eso siphinde siwele ezandleni zakhe. Kwalile unina esaye kuqokelela amalongwe okubasa walifumana umguvela ithuba lokugoqulula ekhangelana nesi sipaji. Ude wasifumana sithiwe tshwa phantsi kwempahla etyesini kaMaSukude apho eli nenekazi beligcina khona iimfihlelo zalo.

Ngengomso uThobile uvukele esikolweni njengesiqhelo. Unina yena ushiyeke ekhaya egoqulula efuna isipaji. Uqogulule wagoqulula wancama. Apho ancama khona ukrokile ukuba unyana wakhe unokuba ugqogqe wade wasifumana apho besiqhushekwe khona. Uxelele umyeni wakhe into yokuduka kwesipaji ekhalaza ngelithi lo nyana wakhe usibile esi sipaji.

'Kodwa, MaSukude, ingathi lo mntwana uza kusifaka ezingxoxweni.'

'Ezingxoxweni zantoni kodwa, Mchenge?'

'Awuboni ukuba lo mntwana unemikhuba enganyamezelekiyo? Kudala ndirhana ukuba uneminwe emide kuba imali yam ilahleka qho kweli khaya.'

'Hayi, Tolo, andimthetheleli lo mntwana kodwa nawe awukwazi ukuziqoqosha kakuhle izinto zakho. Enye into lo mntwana kaloku usemncinane. Wenza nje izinto zobuntwana endiqinisekileyo ukuba uza kwahlukana nazo okuya ekhula.'

'Ndingavuya gqitha xa anokwahlukana nalo mkhuba xa esiya ekhula kodwa ungalilibali ilizwi lezilumko elithi inkqayi ingena ngeentlontlo.'

8.1.1 Xela igama lalo 'rheme' kuthethwa ngaye.

(1)

- 8.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
Esi sipaji kuthethwa ngaso sesika ... (MaSukude, titshala). (1)
- 8.1.3 Xela isizathu esibangela ukuba urheme aqiniseke ukuba ukubuyiselwa kwesipaji kuza kumfaka engxakini. (2)
- 8.1.4 Sithini isigqibo awafikelela kuso urheme ukuzisindisa engxakini? (1)
- 8.1.5 Igama elikrwelelwe umgca linika eyiphi intsingiselo? (2)
- 8.1.6 Fakela igama elishiyiweyo kwesi sivakalisi silandelayo:
Apho ancame khona ukrokrile ukuba unyana wakhe unokuba ugqogqe wade wasifumana apho ... khona. (1)
- 8.1.7 Chonga ibinzana elithetha ukuba unyana kaMaSukude lisela. (1)
- 8.1.8 Yithi Ewe okanye Hayi uze uxhase impendulo yakho.
UMaSukude uyasithethelela isenzo sonyana wakhe. (2)
- 8.1.9 Ingaba isenzo sikaTolo sokubisa uThobile silungile na? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.1.10 Yintoni ebangela ukuba utitshala angasamkeli isipaji xa sibuyiswa nguThobile notata wakhe? (1)
- 8.1.11 Saba yintoni isiphumo sokuba kukaThobile isipaji sikatitshala? (1)
- 8.1.12 Ngqina ubunyani beli qhalo lithi, 'Inkqayi ingena ngeentlontlo', ngokubhekiselele kwizenzo zikaThobile apha ebalini. (2)

8.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B

Ngomhla wetyala abantu bakuTsolo baphuma ngendlu bezimisele ukuzivela isimanga setutu laseTikitiki. Abantu bebemsongela ummangalelwa ukuba mhla nje wawuthi cakatha owakhe umcondo ngaphandle kwenkundla baya kumdlala ngamazinyo. Umantyi uliphulaphule ityala lokubiwa kwesidumbu weva neenjongo zobu busela. Umtshutshisi wenze isicelo sokuba umantyi amgwebe amthumele kwesimnyama isisele ummangalelwa lowo. Umantyi unike isigwebo sokuba ummangalelwa akhe athunyelwe kwisibhedlela sabantu abagula ngengqondo kuba obakhe ubututu ingasibubo obo buqhelekileyo. Lehle emkhumbini linyalasa itutu laseTikitiki kubonakala phofu ukuba aziqhwabanga nyhani.

Umfo waseTikitiki uthabathe iminyaka emine ephantsi konyango kwisibhedlela sabantu abagula ngengqondo. Uphume apho elinene eliphile lingabikwa nowempumlo. Ekubuyeni kwakhe uzinikele kumsebenzi wokutyelela abagulayo nababanjiweyo kanti ekwakho nakwiqela elizama ukuphuhlisa intlalo yabantu. Uzinikele ngokupheleleyo kumsebenzi wokukhulisa isizwe engajonge ntlawulo. Abantu ababemphe igama lokuba litutu laseTikitiki bayilibebe tu into yamandulo yokungcungcuthekiswa kwabo yimikhuba yale ndedeba. Umfo lo selewongwe ngagama limbi ngoku. Kuthiwa nguKhonzisizwe.

- 8.2.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli:
Ibinzana elithi, '... baphuma ngendlu ...' lithetha ukuba ...
(baphuma ngobuninzi/baphuma ngomnyango/baphuma phandle.) (1)
- 8.2.2 Ngubani eli tutu laseTikitiki? (1)
- 8.2.3 Yintoni ebangela ukuba abantu bamsongele ummangalelwa? (2)
- 8.2.4 Chonga ibinzana elithetha ukuba abantu baya kumenzakalisa ummangalelwa. (1)
- 8.2.5 Lityala lantoni eli lalixoxwa ngale mini? (1)
- 8.2.6 Isicelo somtshutshisi sokuba ummangalelwa makavalelwe samkelwa ngumantyi? Yithi Ewe Hayi okanye uze uxhase impendulo yakho. (2)
- 8.2.7 Yintoni ebangela ukuba umantyi abubone ubututu bommangalelwa njengobungaqhelekanga? (2)
- 8.2.8 Ucinga ukuba kwakuza kwenzeka ntoni kummangalelwa ukuba umantyi wayegwebe ngokwesicelo sikamtshutshisi? (2)
- 8.2.9 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo:
Lehle emkhumbini linyalasa itutu laseTikitiki kubonakala phofu ukuba ... (1)
- 8.2.10 Khetha impendulo echanekileyo:
Kuthetha ukuthini ukuthi:
... 'lingabikwa nowempumlo.'
A Uphume engenampumlo.
B Uphume ephile qethe.
C Uphume impumlo ibuhlungu. (1)
- 8.2.11 Kwakutheni ukuze abantu bamwonge uThobile ngegama elitsha bathi nguKhonzisizwe? (2)
- 8.2.12 Ithini imfundiso yeli bali? (2)

[35]

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule uphendule imibuzo elandelayo.

Intyatyambo – M Mbuthuma

- 1 Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
- 2 Ewe kaloku, kha usixelele:
- 3 Elona xesha lokuba ume,
- 4 Ililiphi n' elona ziko lakho,
- 5 Aph' umnt' angakha khona,
- 6 Uphi n' owona mthombo wakho,
- 7 Uph' umntu angazikholisa khona,
- 8 Aph' angahlal' azikhelele,
- 9 Aph' angazidid' akruquke.
- 10 Baxolil' abahamb' emimangweni,

- 11 Kub' ubaph' ukuyol' emathafeni,
- 12 Babukel' ubuhle nehombo yakho.
- 13 Ubaxolisil' abazingeli bakho,
- 14 Balibala bebuk' ubuhle bakho.
- 15 Uzidlamkasil' iinyamakazi,
- 16 Ziphaphile zinokuqavakazi,
- 17 Zidl' obakh' ubuncuthu,
- 18 Zikunye neentaka zezulu,
- 19 Zidl' incind' emyoli kakhulu.

- 20 Ziindid' ezininz' iintyatyambo.
- 21 Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
- 22 Kant' umthinjana ukwenz' ihombo,
- 23 Ukwenz' uvunywe lilizwe
- 24 Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
- 25 Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,

- 26 Ngenene ngevumb' uthandiwe,
- 27 Kanti ngobuhl' uvunyiwe.
- 28 Ngomfaneleko wasamele.

- 9.1 Khetha isafobe esisetyenziswe yimbongi kumgca wesibini kwisitanza soku-1. (1)
- 9.2 Xela udidi lwesi safobe usikhethe kuMBUZO 9.1. (1)
- 9.3 Loluphi uphindaphindo olusetyenziswe kumgca wesi-4 ukuya kowe-7? (1)

- 9.4 Lubonisa ntoni uphindaphindo oluxele kuMBUZO we-9.3? (1)
- 9.5 Bhala ngamazwi akho okuqulethwe ngumgca we-10. (1)
- 9.6 Khetha impendulo echanekileyo:
Umgca we-11 uthetha ukuba intyatyambo ... abahambi.
- A iyabahluthisa
B iyabahlaziya
C iyabahlekisa (1)
- 9.7 Ucinga ukuba ngoobani aba bazingeli beentyatyambo umbhali athetha ngabo kumgca we-13? (2)
- 9.8 Igama elikrwelwe umgca kwisitanza sesi-2 lisetyenziselwe ukucacisa ntoni ngentyatyambo? (1)
- 9.9 Nika intsingiselo yesitanza sesi-2. (2)
- 9.10 Chonga umgca obonisa ukuba iintyatyambo ziziintlobo ngeentlobo kwisitanza sesi-3. (1)
- 9.11 Fakela igama elishiyiweyo kwesi sivakalisi silandelayo:
Kant' ... ukwenz' ihombo. (1)
- 9.12 Lo mbongo ngumbongo-nkcazo. Ngqina oku. (1)
- 9.13 Uphindaphindo lwegama, 'Uvunyiwe,' kwisitanza sesi-3 lunafuthe lini kwintsingiselo yomxholo wombongo? (2)
- 9.14 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ibhabhathane – LS Ngcangata

- 1 Nal' ibhabhathane libhabha-bhabha.
- 2 Sisinambuzan' esithand' ukudl' amacwaka.
- 3 lintaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz' inzwinini,
- 4 Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
- 5 Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
- 6 Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
- 7 Phakathi kwezityalo liman' ukuhlola-hlola.
- 8 Amathafa namagcume ziindawo zalo.
- 9 Obu buhle **busisigubungelo somphefumlo wam.**
- 10 Ngumahlal' ehleli ombejezelayo **owanez' umxhelo.**
- 11 Abukhathalele busika, neqabak' incamile.
- 12 Intyatyambo zoyisiwe, wen' uzigqwesile.
- 13 Nekhiwane lisadalele, alinakucel' umngeni,
- 14 Kuba obalo bon' ubuhle bunempethu.

- 10.1 Yeyiphi imfano-zandi efumaneka kumgca woku-1? (1)
- 10.2 Nika intsingiselo yomgca wesi-2. (1)
- 10.3 Ingaba ibhabhathane sisilwanyana okanye sisinambuzane? (½)
- 10.4 Xela isafobe esifumaneka kumgca we-12. (1)
- 10.5 Chaza umfanekiso oveliswa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)
- 10.6 Xela iindawo zibe mBINI elifumaneka kuzo ibhabhathane. (2)
- 10.7 Intetho ethi, 'Ngumahlal'ehleli ombejezelayo ...', ibonisa ntoni ngebhabhathane? (2)
- 10.8 Nika umxholo walo mbongo. (2)
- 10.9 Amabinzana abhalwe ngqindilili kumgca we-9 nowe-10 asixelela ntoni ngovakalelo lwembongi? (2)
- 10.10 Uthini umyalezo ogqithiswa yimbongi kulo mbongo? (2)
- 10.11 Yintoni eyenza ukuba ibhabhathane ligqithe ikhiwane ngobuhle? (1)
- 10.12 Lo mbongo yisoneti. Xela uphawu oluxhasa oku. (1)
- 10.13 Ukuqwalasela ibhabhathane de azi neendawo elihlala kuzo kubonisa ntoni ngombhali walo mbongo? (1)

(1)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Funzela enzulwini – SSM Mema

- 1 Lishushu idabi kumathaf' obu bomi;
- 2 Kuqhum' amaqulo kuchachamb' umchiza;
- 3 Uxhob' ufohlel' umlisela nomthinjana,
- 4 Usilwa noSathana, usilwa nobumnyama.

- 5 Ayaxhaxh' amagwala, kuband' umchachazo.
- 6 Ubomi ngumzamo kosind' amakroti;
- 7 Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
- 8 Umgomo um' umi ulind' umzingisi.

- 9 Qina isibindi ukuze uphumelele.
- 10 Qul' uphethel' imini nobusuku bayo.
- 11 Qhekeza imichankatho owele ngayo,
- 12 Ufunzel' enzulwini ungabuyi ngamva.

- 13 Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
- 14 Uziqhiz' iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
- 15 Uyibeke nxamny' imithwalo ekudobeleyo;
- 16 Ulubaleke ngomonde ugqats' olukumeleyo.

- 17 Wofuman' abaninzi bengqengq' elunggamekweni,
- 18 Wofuman' iqela ligxampuz' emgxobhozweni.
- 19 Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
- 20 Maz' ungawahoyi ufunzele enzulwini.

- 21 Oswele umgomo ufana nemfama,
- 22 Uyaphumputheka akhubeke awe;
- 23 Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela,
- 24 Kulahleke naye inkitha yezimathi.

- 25 Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;
- 26 Ifunyanwa ngamachule iint' eziwa ngamadolo,
- 27 Zicele amandla kuMenzi wento zonke.
- 28 Ongecala lakhe wofikelela enzulwini.

- 11.1 Cacisa okuthethwa ngumbhali kumgca wokuqala kwisitanza soku-1. (2)
- 11.2 Xa kuthethwa ngomlisela nomthinjana kubhekiswa koobani? (1)
- 11.3 Ithi imbongi ngoobani abaya kusinda kweli dabi lobomi? (1)
- 11.4 Imbongi ithetha ukuthini xa isithi ubomi ngumthwalo bufuna umqolo? (2)
- 11.5 Xela into ibe NYE ethi imbongi mayenziwe ukuze ukwazi ukufunzela enzulwini kwisitanza sesi-3. (1)

- 11.6 Chonga isivakalisi esibonisa ukubheka phambili kwisitanza sesi-3. (1)
- 11.7 Gqatso luni olu imbongi ithetha ngalo kwisitanza sesi-4? (1)
- 11.8 Kwisitanza sesi-5, ngabatheni aba bangqengqe engqamekweni? (1)
- 11.9 Imbongi ithetha ukuthini xa isithi, 'Wofuman' iqela ligxampuz' emgxobhozweni'? (2)
- 11.10 Nguwuphi umfanekiso-ngqondweni oba nawo xa isithi imbongi, 'Oswele umgomo ufana nemfama, Uyaphumputheka akhubeke awe'? (1)
- 11.11 Ngubani lo Menzi wezinto zonke imbongi ibhekisa kuye kwisitanza sokugqibela? (1)
- 11.12 Luluphi udidi lombongo olu? (1)
- 11.13 Cebo lini imbongi elinika abantu abafuna ukuphumelela ebomini? (1)

Khetha impendulo echanekileyo:

- A Mabasebenze imini nobusuku.
B Mabathandaze.
C Mabalale ngecala.

(½)

- 11.14 Ingaba isihloko esinikwe lo mbongo siwufanele? Xhasa impendulo yakho. (2)

(2)

[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo engezantsi.

Amasele phezu kodonga – MM Duka

- 1 Ewe, phezu kodonga lomlambo,
2 Bee dwadwalala abomlambo.
3 Uphume ngendlu umzi kaSele,
4 Kwenziwa njalo xa konakele,
5 Kuboniswane ngezidla usapho.
- 6 Ladum' ibandla kwahlomkom' iindonga,
7 Kukhahlelw'inkonyana yohlanga,
8 Imbishimbishi enokukratsha,
9 Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
10 Isith' iinyoka zibhejel' amasele.
- 11 Yahlala phantsi sele igwintsa,
12 Umqal' ohlaza umfimfithisa.
13 Zagilan' iinduna ngezifuba,
14 Zathuthuzela inkosi yathula.
15 Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.

- | | |
|----|-----------------------------------|
| 16 | Vumbululu Xoxwazan' uNkonde, |
| 17 | Wathetha ephezu kwesikhondo: |
| 18 | 'Asikagqibi minyakana simanyiwe. |
| 19 | Uyise kaYoli ugwintiwe. |
| 20 | Ngamatatasholo amadoda akwaSele.' |
| 21 | Avunuka amadoda aguguma. |
| 22 | Endumzela kwandila ugwaluma. |
| 23 | Kwalamla Ndun' enkulu uNdubule: |
| 24 | 'Madoda inyaniso iyahlaba. |
| 25 | Masifunzeni saphela kulo mhlaba.' |
| 26 | Vu phantsi iNduna kad' ibilinga. |
| 27 | Yancin' amehlo yang' iyacinga. |
| 28 | Kwee thu mrhutyululu werhamba, |
| 29 | Kwaqala mcebi-cebo ukusaba. |
| 30 | Yee zulumbele loo ndimbane. |

- 12.1 Khetha imvano-siphelo esetyenziswe yimbongi kwisitanza soku-1.
- | | | |
|---|-------|-----|
| A | aabbc | |
| B | bbcca | |
| C | ababc | (½) |
- 12.2 Esi sifanekisozwi sikrwelwe umgca kumgca wesi-2 sivuselela umbono wemeko enjani? (2)
- 12.3 Nika okuqulethwe ngumhlathi wesibini ngamazwi akho. (2)
- 12.4 Imbongi ithetha ukuthini xa isithi, 'Yahlala phantsi sele igwintsa,?' (1)
- 12.5 Igama elikrwelwe umgca, 'nzwanga' kwisitanza sesi-3 libonisa ntoni ngokwale meko aye kuyo la masele? (2)
- 12.6 Imbongi kumgca wama-20 isebenzise igama, 'ngamatatasholo'. Itatasholo ngumntu otheni? (2)
- 12.7 Xela iindidi ezimBINI zamasele ezikhankanywe kulo mbongo. (2)
- 12.8 Chonga imfano-zandi efumaneka kumgca wama-28. (1)
- 12.9 Xela udidi lwalo mbongo. (1)
- 12.10 Bonisa indlela isigqebelwe esisetyenziswe ngayo yimbongi kulo mbongo. (2)
- 12.11 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)

[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70